COOKHOUSE WINDFARM

Q1 2022
OKUQULETHWE YINCWADI YAMALUNGU

INKQUBO YENKXASO
YOKUHLAWULELA IMFUNDO

Usebenzile uJerome Sammy (oneminyaka engama-20), waseFrancisvale eSomerset East, onikwe imali yokufunda ukumncedisa aqhubele phambili ngezifundo zakhe. Ngomnye wabafundi abasixhenxe abaxhamle kule nkqubo yenkxaso yokuhlawulelwa imfundo, exhaswa yiFama yoMoya yaseCookhouse.

Okwangoku uJerome wenza isiDanga sezeMfundo, kwiYunivesithi yaseFort Hare, apho aqhuba kakuhle kakhulu. Ulilungu lokuqala losapho lwakhe ukuya eyunivesithi. Imali yokufunda ihlawulela izifundo, indawo yokuhlala, neencwadi zezikhokelo. Abafundi bafumana kananjalo isibonelelo senyanga nedatha.

INKQUBO YENKXASO YOKHATHALELO
OLUNGUNDOQO LWEMPILO

Dibana nelona lungu lethu litsha kwiqela loKhathalelo lweeMfuno zeMpilo xa zizonke, uPhumlani George (36), oqeshwe njengoMphathi, ngoJanuwari ka-2022.

Lo mthweswa sidanga weKholeji yaboNgikazi iLilitha uthi ukudibana neeklayenti yenye yezinto azonwabela kakhulu ngomsebenzi wakhe. Obesakuba yiNgcali yoMongikazi kwiSibhedlele iTower, eBhofolo, uPhumlani ukhokela iqela labaSebenzi boKhathalelo lweeMfuno zeMpilo xa zizonke abane.

Eli phulo lizisa iinkonzo zokhathalelo lwempilo kufutshane noluntu lwasezifama, oko kusenziwa ngekliniki yezempilo ehambahambayo. Ngaphambili, abasebenzi basezifama kwakufuneka bahambe emsebenzini ukuze bafikelele kukhathalelo lwempilo kwaye bahambe imigama emide. Ngenxa yeli phulo, akukho kuphazamiseka kokuvelisa kwaye abasebenzi basezifama bafumana unyango ngenyanga.

Umngxili wolwazi weli loMzantsi Afrika ngentsholongwane yeKhorona: ***www.sacoronavirus.co.za***

INKQUBO YOQEQESHO **LOLUTSHA**

Siyavuyisana nabantu abatsha abasibhozo abaphumeleleyo kwiNkqubo yoQeqesho yeNkonzo yeNjini eJikeleziswa nguMoya, njengenxalenye yephulo lethu loqeqesho lobuchwepheshe bophuhliso lolutsha elijolise ekunikeni ulutsha izakhono.

Inkqubo yophuhliso lolutsha ixhamlise ngqo ulutsha lwengingqi lwaseMpuma Koloni, oluvela kuluntu oluxhanyuliswayo lweFama yoMoya yase-Cookhouse. Abathabathi nxaxheba baqeqeshwe phantsi kobunkokeli beZiko lobuChwepheshe baMandla oMbane aVela kwimiThombo yeNdalo loMzantsi Afrika (South African Renewable Energy Technology Centre) (SARETEC) kwithuba leenyanga ezisixhenxe. Ngexa loqeqesho, abathabathi nxaxheba bafumene kananjalo umvuzo wokuhlawulela iindleko zokuphila.

Omnye wabaphumeleleyo, uLavandre Loots, uvakalise umbulelo ongazenzisiyo ngethuba elo, ngoku elimnike umsebenzi wesigxina njengeGcisa leSibonelelo. "Phambi kwale khosi, bendingazi nto ngeenjini zomoya, kodwa ndasithanda esi sifundo kwaye ndakonwabela ukufunda ngendlela abaqhuba kwaye bavelise ngayo umbane ngaphandle kokwenzakalisa indalo. Iphupha lam lelokushiya ilifa kwaye ndikhunjulwe njengomntu owenze umahluko kwaye ndiyakholwa ukuba ngekhondo lam lomsebenzi kule nkalo, ndingaliphumeza elo phupha," **utshilo.**

UPHUHLISO LWABANTWANA **BESELULA**

Njengenxalenye yeNkqubo yethu yoPhuhliso lwabaNtwana beseLula (Early Childhood Development) (ECD), sixhase amaziko ee-ECD kuluntu lwaseAdelaide, Bedford, Cookhouse naseSomerset East, eMpuma Koloni, ukusukela ngo-2015. Inkqubo, leyo kuqala yayimiselwe ukuba iqhube iminyaka emihlanu, ngoku ikunyaka wayo wesixhenxe, kwaye siza kulungiselela ukuyivala kwiminyaka emibini ezayo.

Le nkqubo inguNdoqo ibe neempembelelo ezintle kumaziko angama-25 e-ECD oko kusenziwa ngolungiselelo loqeqesho kwizakhono ezili-14 ezohlukeneyo oko okwenze ukuba aphumelele amaziko. Njengenxalenye yesicwangciso sokuphuma, abasebenzi abangama-25 be-ECD baza kufumana uqeqesho lweNqanaba lesi-2 le-NQF loQeqesho lwabaSebenzi kwaye amaziko amabini aza kuxhamla kwiProjekthi yezaKhiwo.

Ngaphaya koko, kukho iphulo elitsha elicwangciswayo, elo liza kufikelela ngokubanzi kwaye libe neempembelelo ezinkulu.

2022 IINDIBANO ZOLUNTU **EZIZAYO**

Linkcukacha malunga neendibano ezizayo ziza kuncanyatheliswa kwiibhodi zezaziso zoluntu.

OKUCHITHIWEYO **NGEKOTA (Q1 2022)**



NXULUMANA **NATHI**

12 Main Road Cookhouse

Ngeyure zokusebenza: 08:30 -17:00

Umnxeba: +27 42 247 2961

UMncedisi weMisebenzi yoLuntu | Adelicia Horne

Adalicia.horne@cookhousewind.co.za

Igosa lezoNxibelelwano loLuntu | Lifa Baskiti

lifa.baskiti@cookhousewind.co.za